Isalathiso: 20160406-9230
IFayile : 5/8/4/1/2
Imibuzo: A Henriques

ISetyhula: 0015/2016
Umhla wokuphelelwa: 31 Matshi 2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*IMG,* kwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo azo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziphantsi kwesiqendu 21

*Isishwankathelo esifutshane: Ithuba lezikolo zesiqendu 21 loku-odola izinto zokubhala nezinto zokucoca ukulungiselela ukusetyenziswa kwazo ngo-2017.*

**ISihloko: Uku-odolwa kwezinto zokubhala nezinto zokucoca kunyaka-mali ka-2016/17 ukwenzela izikolo eziphantsi kwesiqendu 21**

1. Kucelwa niqaphele ukuba le setyhula isebenza kuphela kwizikolo eziphantsi kwesiqendu 21.

2. Zazazisiwe izikolo eziphantsi kwesiqendu 21 kwiSetyhula 0004/2015, ngeemvumelwano ezimbini ezahlukeneyo ekungenwe kuzo liSebe leMfundo leNtshona Koloni *(WCED*) nangeenkqubo zoku-odola emazilandelwe ngokwezi mvumelwano zikhankanyiweyo.

3. Kwaziswa iinqununu apha ngethuba langoMeyi nango-Agasti 2016 lezikolo zesiqendu 21 loku-odola izinto zokubhala nezinto zokucoca ngokuzi-odola ngqo kubaboneleli-nkonzo abanemvumelwano neSebe iWCED ukwenzela ukuba zisetyenziswe ngo-2017.

4. Iinzuzo ezinokufunyanwa kule nkqubo yoku-odola kwaba baboneleli-nkonzo zibandakanya: amaxabiso aphantsi noko nge-ayithem nganye, kwakunye nokusiwa kwazo ezikolweni.

5. Kuyimfuneko ukuba kufakwe i-odolo epheleleyo ukulungiselela unyaka wesikolo ka-2017 kubo ngqo aboneleli-nkonzo ngo-Meyi 2016 ukuqinisekisa ukuba izinto zokubhala nezinto zokucoca zisiwa kwangaphambi kokuqala konyaka wesikolo

omtsha. Iintlawulo zezinto zokubhala nezinto zokucoca ezifunyenweyo mazihlawule zonke kulo mboneleli-nkonzo uchaphazelekayo.

6. Ziya kunikwa ithuba izikolo eziphantsi kwesiqendu 21, lokufaka ii-odolo zokongezelela ngo-Agasti 2016, ukuba ninganolwazi lokuba kukho imfuno yokuthenga izinto zokubhala nezinto zokucoca ezongezelelweyo emazisetyenziswe ngo-2017.

7. Ii-odolo zezinto zokubhala zezikolo kuzo zonke izithili zemfundo mazifakwe ngqo kulo mboneleli-nkonzo ulandelayo ungene kwimvumelwano neSebe i*WCED*:

*Masiqhame Trading 1057 CC*
*30 Blinkwater Crescent*
*Edgemead*
*7441*
Inombolo yefoni: 021 558 9947
Umntu emakuqhagamshelwane naye: Mnu G Daniels

8. Ii-odolo zezinto zokucoca ziya kufakwa kubaboneleli-nkonzo ababini abahlukeneyo abangene kwimvumelwano neSebe i*WCED*.

8.1 Kwizikolo ezikwizithili zemfundo zeedolophu (*metropole education districts*), ii-odolo zezinto zokucoca mazifakwe ngqo kulo mboneleli-nkonzo ulandelayo:

*RC Suppliers*
*14 Klaver Street*
*Sybrand Park*
*Rondebosch*
*7700*
Inombolo yefoni: 021 696 9361
Umntu emakuqhagamshelwane naye: Nks R Blankenaar

8.2 Kwizikolo ezikwizithili zemfundo zasemaphandleni *(rural education districts*) ii-odolo zezinto zokucoca ziya kufakwa ngqo kulo mboneleli-nkonzo ulandelayo:

*Amanthi Traders CC*
*2 Nice Street*
*Uitzicht*
*7550*
Inombolo yefoni : 021 976 7938
Umntu emakuqhagamshelwane naye : Nks M Gouveia Ferreira

9. Kuqhotyoshelwe apha iikhatalogu ezinee-ayithem zezinto zokubhala nezinto zokucoca nexabiso le-ayithem nganye. Kucelwa uqinisekise ukuba usebenzisa iikhatalogu ezifaneleke kwisithili sakho semfundo kuphela. Amaxabiso anikiweyo abandakanya ukusiwa kwezi zinto esikolweni sakho.

10. Kubaluleke gqitha kwizikolo ukuba zenze izicwangciso ngobulumko ekumiseleni ukuba iimali zezabelo zemimiselo nemigangatho zazo nezinye iimali zilawulwa ngendlela yokuba zihlangabezane nazo zonke iimfuno ezingummiselo zabafundi nezesikolo.

11. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile setyhula kuwo onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU- PA VINJEVOLD
**INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2016-04 -13